

# Vuk'uzenzele

Ipapashwe liZiko lezoNxibelelwano loLwazi lukaRhulumente (i-GCIS)

English / isiXhosa

EyoMdumba 2022 Ushicilelo 2

## Abenzi borhwaphilizo lwe-COVID-19 baziswe ngaphambili

**A**bantu kunye neenkampani ezibandakanyeka kurhwaphilizo olunxulumene nokuthengwa kweempahla neenkonzozentsholongwana ye-Corona (i-COVID-19) zikarhulumente bayaphenduliswa ngezenzo zabo.

Ingxelo yeYunithi yoPhando eKhethekileyo (i-SIU) emalunga nophando lwayo lwezityholo ezinxulumene nokusetyenziswa gwenxa kwemali ye-COVID-19, kuwo onke amanqwanqwa karhulumente kunye namacandelo abucala. Kutsha nje uMongameli u-Cyril Ramaphosa ugunyazise ukuba ikhululelwe uluntu.

Le ngxelo linyathelo elibalulekileyo lokulwa urhwaphilizo kunye nolawulo olugwenxa kumacandelo karhulumente nawabucala, utshilo uMongameli.

KweyeKhala ngowama-2020, uMongameli Ramaphosa wagunyazisa uphando lwe-SIU.

Ngelo xesha ke waye

wazibophelela ngelithi ukuba ngaba i-SIU ifumene ubungqina bokuba kwenziwe ityala lolwaphulo-mthetho, iya kunyanzeleka ukuba idlulisele ubungqina kwi-Gunyabantu lezoTshutshiso leSizwe (i-NPA).

Kwakhona i-SIU yaphinda yagunyaziswa ukuba ithathe amanyathelo ezomthetho ukuze kubuyiselwe nawuphi na umonakalo okanye ilahleko eyenziwe ngurhulumente.

### Ingxelo yeziphumo

I-SIU iphanda iikhontrakthi ezingama-5 467 ezinikwe ababoneleli-nkonzo abangama-3 066, ezixabisa i-R14.3 yeebhiliyoni zizonke.

Uphando kwiikhontrakthi ezingama-4 549 sele luqukunjelwe, kwaye ezingama 2 803 kuzo zafunyanwa zingekho mgaqweni. Oku kufikelela kwi-62% yophando olugqityiweyo.

UMongameli uthi, "Olu phando lujolise kubantu kunye namaziko akhohlelwa ukuba angasebenzisa ixeshana lokuba semngci-



phekweni kwesizwe ukuze bazityebise kunye nabo bathe basebenzisana nabo ukusebenzisa kakubi izixhobo zoluntu."

Wongeza ngelithi akwamkelekanga kwaphela ukuba iikhontrakthi ezininzi ezinxulunyaniswa nokusindisa ubomi kunye nokukhusela iindlela

zokuziphilisa kwabantu zazingekho mgangathweni, zingekho mthethweni okanye zinobuqhophololo.

"Olu phando lubonakalisa ukuzimisela kwethu ekuncothuleni neengcambu urhwaphilizo kwanokujongana nabenzi bobubi," utshilo uMongameli Ramaphosa.

Ingxelo yokugqibela inika iinkcukacha ngemiba esele i-SIU iyigqithisele kwi-NPA, amasebe namaqumrhu kwicandelo likarhulumente nakwamanye amaqela.

UMongameli ucacise wathi, i-NPA iza kuqukumbela

Liqhubeka kwiphepha lesi-2

**Iimpawu ezilumkisyayo zokuxhatshazwa**  
**Iphepha lesi-6**

**Okunyanzeleke mawukwazi nge-PreP**  
**Iphepha lesi-7**

**Ukufunda i-Vuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:**

ANDROID APP ON Google play Available on the App Store

Khangela u-SA Government kwi-Google playstore okanye kwi-appstore

QHAGAMSHELANA NATHI Vuk'uzenzele @VukuzenzeleNews

Iwebhusayithi: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za) I-imeyili: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za) Inombolo yomnxeba: (+27) 12 473 0103

**Tshedimosetso House:**  
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

## Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

inkqubo yokuzisa abenzi bobubi entolongweni kunye nokujongana nobuthakathaka obuqatshelwe luphando lwe-SIU.

**Inyathelo elithatyathiweyo**

Oko luqalile uphando, i-SIU, isebenzisana nezinye ii-arhente, yenze le nkqubo ilandelayo:

- Imiba engama-45, enexabiso elidityanisiweyo le-R2.1 yebhiliyoni, iye yabhaliswa kwiNkundla eYodwa yoRhwaphilizo, ubuqhophololo kunye nokuHamba kwe-

Mali ngokungekho mthethweni. Inkundla ekhethekileyo inegunya elisemthethweni lokubuyisela iimali zoluntu ezibiwe ngorhwaphilizo, ubuqhethseba kunye nokuhamba kwemali ngokungekho mthethweni, kwaye ithathele amanyathelo omthetho kubaphuli-mthetho;

- Amatyala angama-224 athunyelwe ukuze kuthathwe amanyathelo oluleko ngakumagosa kumasebe okanye amaqumrhu karhulumente;
- Amatyala angama-386 athunyelwe kwi-NPA, kwaze amatha-

thu agqithiswa ukuze uMongameli athathwe amanyathelo;

- Amatyala angama-330 agqithiselwe kumanyathelo olawulo, aquka ukufakwa kuluhlu lwabantu bangesokuze baphinde benze umsebenzi kurhulumente.

Ngokwengxelo, yi-R551.5 yezigidi zeerandi (ixabiso lemali nempahla) eza kubuyiswa, ngelixa i-R34.2 yezigidi sele ibuyisiwe ukuze kuthi ga ngoku.

Olu phando luthintele ilahleko ye-R114.2 yezigidi zeerandi, laze labekela bucala izivumelwano ezixabisa i-R170.4 yezigidi.

I-SIU ilindele ukuba le miba igqitywe phakathi kwenyanga yeNkwindla neKaTshazimpuzi kowama-2022, phambi kokuba kungeniswe ingxelo eyongezelelweyo kuMongameli ekupheleni kwenyanga yeSilimela.

Le ngxelo ayizibandakanyi iinkcukacha zophando oluqhubekayo kwizityholo ezifunyenwe yi-SIU emva kwexesha elibekiweyo le ngxelo yokugqibela.

Oku kuquka uphando kubanikezeli beenkonzobangama-476, abanxulunyaniswa nekhontrakthi ezingama-964, ezixabisa ngaphezu kwezi-

gidi ezingama-R961.6.

Iziphumo zolu phando, i-Ofisi kaMongameli ithe, ziza kuquka kwingxelo yange nyanga yeSilimela.

UMongameli ubulele i-SIU ngomsebenzi owenziweyo kwezi nyanga zili-18 zigqithileyo, kunye nabo bathe bahlaba ikhwelo, namanye amangqina athe anika ulwazi kubaphandi. **U**

Uluntu lungancedisa kwidabi lokuphelisa urhwaphilizo kumaziko karhulumente ngokuxela izenzo zorhwaphilizo kulo mnxeba we-SIU ku-080 003 7774.

# I-CACH idibanisa abafundi namathuba okufunda



## Silusapho Nyanda

**A** bantu abatsha abangekazi-fumani iindawo zokufunda kumaziko emfundo ephakamileyo bangakwazi ukufaka izicelo kwinkqubo ye-Central Application Clearing House (i-CACH) ukuze bafumane uncedo.

I-CACH yinkonzo karhulumente efunyanwa

kwi-intanethi elawulwa liSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (i-DHET). Lenkonzo inceda abo bafuna ukufikelela kwiiyunivesithi, iikholeji zeMfundo yobuGcisa noQeqesho (i-TVET) kwakunye nokufikelela kumathuba ophuhliso lwezakhono.

“Iinkonzo ze-CACH sele ziqalile ukufumaneka ukususela ngomhla wama-24 kweyoMqungu 2022, kwaye

ziza kuvalwa ngomhla wama-31 kweyoKwindla, ngelokunceda abo bafuna ukungena kumaziko emfundo enomsila kodwa bajongane nemiceli mngeni yokufumana indawo,” utshilo uMphathiswa weMfundo ePhakamileyo noQeqesho uGqirha uBlade Nzimande.

I-CACH ingakwazi ukunceda abo abangakhange banikwe ndawo kwizifundo ebebezikhethile, nangona bebefake izicelo zabo zokwamkelwa eyunivesithi okanye ekholejini kwangethuba kunyaka ophelileyo ka-2021.

I-DHET icacise yathi oku kudla ngokwenzeka xa umfaki-sicelo engazifezekisi iimfuno ezibalulekileyo zokufaka isicelo okanye xa iziko lifikelele kumda walo othile wenani labafundi elinokubabhalisa.

Kwakhona i-CACH ingakwazi nokunceda nabo babefake izicelo kumaziko emfundo ephakamileyo

baza bamkelwa, kodwa ngoku bafuna ukutshintsha izifundo zabo.

I-CACH iza kuthumela abantu kwiinkonzobophuhliso lwamakhono omsebenzi, ukanti xa kunokwenzeka ingabanika nezithuba ezisafumanekayo kwiiyunivesithi nakwii-kholeji ze-TVET okanye uqeqeshelo-msebenzi kwiCandelo leMfundo noQeqesho (i-SETA), ngaphandle kokuba umfaki-sicelo ade axhamleke aye ngeenyawo kulo naliphi na iziko.

Zonke iiyunivesithi zikarhulumente, iikholeji ze-TVET kwakunye nee-SETA zizakukwazi ukufikelela kwiziko le-database ye-CACH zikhangelabababhalisa.

“Amaziko akhetha abantu kwiziko le-database ye-CACH ze aqhagamshelane nabo ngqo abo bathe bababhalisa,” sitshilo isithethi se-DHET u-Ishmael Mnisi.

Abafaki-zicelo ababhalise kwi-CACH kufuneka bangenise iinkcukacha zabo, kuquka nezifundo abazifunayo. Kananjalo abafaki-zicelo bangakwazi ukwamkela okanye ukukhaba izifundo abazini-kwayo kwinkqubo ye-CACH.

Bakuba abenzi-sicelo bebhalisile baza bafaka iziphumo zabo zeBanga le-12. Amaziko emfundo ephakamileyo angakwazi ukufikelela kwii-nkcukacha zabafaki-sicelo kwi-CACH.

UMnisi uqhube wathi i-CACH ikwanceda abo baza kuba ngabafundi kodwa bangade bafikelele kwizigqibo zokukhetha amakhondo omsebenzi, ibanceda ngokubathumela kwiNkonzo yoPhuhliso lwamakhondo yakwa-DHET i-Khetha Career Development Service. **U**

Bhalisela i-CACH usebenzisa i-WhatsApp Chatbot (078 776 8660), nge-USSD \*134\*225# okanye kwi-intanethi: [cach.ac.za](http://cach.ac.za). Ngolwazi oluthe vetshe malunga ne-CACH, ndwendwela ikhasi lika-Facebook i-CACH\_SA



government communications

Department: Government Communication and Information System  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Acting Head of Editorial and Production  
Tyrone Seale | [tyrone@gcis.gov.za](mailto:tyrone@gcis.gov.za)

Acting Editor-in-Chief  
Zanele Mngadi | [zanelemngadi@gcis.gov.za](mailto:zanelemngadi@gcis.gov.za)

Managing Editor  
Irene Naidoo | [irene@gcis.gov.za](mailto:irene@gcis.gov.za)

### Writers

More Matshediso  
Silusapho Nyanda

### Senior Designers

Tendai Gonese | Benny Kubjana

### Production Assistance

Jauhara Khan | Sebastion Palmer

### Language Practitioners

Nomgcibelo Motha | Boitumelo Phalatse  
Thandolunye Magudulela | Sizwe Ziqubu

Vuk'uzenzele  
is published by Government Communications (GCIS)

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Printed by: RISING SUN PRINTERS

Distributed by: ON THE DOT



# Imithetho emitsha izakuqinisa amasolotya edabi lokuchasana ne-GBV

**N**gasekupheleni konyaka ophelileyo, ndafumana ileta esuka kwiqela labemi abaxhalabileyo becela urhulumente ukuba akhusele amanina nabantwana beli lizwe ebundlobongeleni.

Kule leta babecacisa ngokwanda kodlwengulo nokuxhatshazwa ngokwesini, babhala ukuba njengamabhinqa basaqhubeka bephila ngoloyiko; nokulahlekelwa lithemba kwabo kwezmthetho.

Ndachukumiseka kakhulu ke kukuva amanina eli lizwe lethu ekhala ngoloyiko lwawo ngenxa yokuphathwa gadalala mihla le.

Ngenzame ke zokusabela kwiimbandezelo abafazi nabantwana abaphantsi kwazo siye sawisa imithetho eyenzelwe ukubakhusela. Nangona kukhona izohlwayo zokushenxisa abenzi bobubi eluntwini, amabhinqa nabantwana basaqhubeka bebandezeleka yaye besifa.

Kutshanje ndiye ndatyikitya iziqendwana ezintathu zomthetho ezihlonipha izithembiso zethu zokuqinisa inkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho, ukukhuthaza ukuphendula kurhulumente wonke, kwakunye nokubeka phambili inkxaso kumaxhoba kuzo zonke iinzame zethu zokukhusela abasetyhini nabantwana.

UMthetho-siHlomelo omtsha woLwaphulo-mthetho kunye neMiba

eNxulumene nawo ukhusela abo basesichengeni sokuxhatshazwa okwesibini ngokuvumela iinkundla ukuba zinyule abameli apho umntwana osemncinane, abantu abakhubazekileyo okanye abolupheleyo behlolwa ngelixa kusaqhuba ityala.

Lo mthetho ukwavumela ukusetyenziswa okwandisiweyo kobungqina ngokusebenzisa iteknoloji yokuthetha ngevidiyo. Oku kunceda ukukhusela amangqina kwingozi, ukuthintela ukulibaziseka okungafanelekanga kunye nokugcina iindleko zetyala.

Umthetho omtsha ukwaluqinisa kakhulu ulawulo lwethu lwebheyle.

Umtshutshisi ongayichasiyo ibheyle kumatyala athile amiselweyo kufuneka izizathu zakhe zibhalwe phantsi.

Ingoko ke kuzakufuneka iinkundla ithathele ingqalelo naziphi na izigrogriso zobundlobongela ezenziwa ngummangalelwa kumangali kunye nezimvo zommangali ngokhuseleko lwakhe.

Ngaphandle kokuba ke iinkundla yanelisekile ukuba kukho iimeko ezizodwa ezibangela ukuba kukhululwe ummangalelwa ngebheyle, ibheyle kufuneka ingamkelwa.

UMthetho-siHlomelo omtsha woMthetho woLwaphulo-mthetho (uLwaphulo-mthetho lwezeSondo kunye neMiba eNxulumene noko) uyakukhaba ukuxhatshazwa ngokwesondo kunye nokuncwaswa kwabantu

abakhubazekile ngengqondo, kwaye ubonelela ngokuba izenzo zolwaphulo-mthetho ngokwesondo ngakubantu abakhubazekile ngokwasengqondweni mazibhalwe kwiRejista yeSizwe yabaPhuli-mthetho ngokweSondo (i-NRSO).

Siye sali sabela ke ikhwelo lokuqinisa ulawulo lwe-NRSO.

Abo bakhe babanjelwa izenzo zolwaphulo-mthetho ngokwesondo kubantwana okanye abantu abakhubazekile ngokwasengqondweni, kwaye babegwetywe ixesha elingaphezu kweenyanga ezili-18 bangade bakwazi ukufaka isicelo sokuba amagama abo asuswe kwiRejista emva kweminyaka engama-20.

Lo Mthetho ukwalawula umsebenzi wokunika ingxelo wabantu abaziyo ukuba izenzo zolwaphulo-mthetho ngokwesondo zenziwe kubantu abasesichengeni.

UMthetho-sihlomelo omtsha woBundlobongela baseKhaya ukwathathela ingqalelo ezinye zeengxaki kubudlelwane basekhaya obunobundlobongela.

Siyiqinisisile ke nenkqubo yokufumana isithintelo nemiyalelo yokhuseleko, sikwazandisile neemeko zokufaka isicelo somyalelo wokhuseleko.

Nalo mcimbi wabasetyhini nabantwana abaxhatshazwayo nangona kukho, okanye bekwinkqubo yokufaka isicelo somyalelo wokhuseleko siwuso mbulile.

Ukuba ngaba iinkundla ikholelwa ukubeni umma-

ngali ukufutshane nengozi, iinkundla ingakwazi

ukukhupha umyalelo wokhuseleko ngokukhawuleza ngaphandle kokuba inike ummangalelwa isaziso senkqubo yokuthintela ubudlelwane bakhe nommangali.

Into ebalulekileyo kwakhona, kukuba ngaba iinkundla iyamkhulula umntu otyholwa ngobundlobongela basekhaya ngebheyle engenawo umyalelo wokhuseleko awunikiweyo, iinkundla kufuneka iwukhuphe emva kokuchotshelwa kophando.

Xa iinkundla ikhupha umyalelo wokhuseleko kufuneka kwangaxeshanye ikugunyazise ukukhutshwa kwencwadi egunyazisa ukubanjwa, enqunyanyisiwe, myalelo lowo ekufuneka unikezelwe kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (i-SAPS).

Ukuba ngaba ilungu le-SAPS likrokrela ukuba ummangali usengozini ngenxa yokwaphulwa komyalelo, ummangalelwa makabanjwe ngoko nangoko.

Ngoku lo mthetho ubakhusela ngokucacileyo abantu abadala kuzo zonke iintlobo zobundlobongela basekhaya, kwaye ukwavumela abamangali ukuba bafake izicelo zokhuseleko kwiintanethi, ukonga ixesha kunye neendleko zokuhamba.

Ukukhusela abamangali kwimpatho-gadalala eyongezelekileyo, iinkundla ingakhupha iSaziso sokuJonga uKhuseleko i-Safety Monitoring Notice esiya kufuna ukuba ilungu le-SAPS lisoloko linxi-

belelana nommangali ngaphandle kolwazi lomxhaphazi.

Amakhoba e-GBV asoloko ekhalazela ukuphathwa kakubi okanye ukungahoywa kweenkxalabo zawo xa efaka izikhalazo kwizikhululo zamapolisa. Phantsi kwalo mthetho mtsha amalungu e-SAPS asilelayo ukuthobela izibophelelo zawo ayakuba netyala lokuziphatha kakubi.

Bonke abantu abadala abanolwazi okanye abakrokrela ukuba ubundlobongela basekhaya benziwa emntaneni, umntu okhobazekile ngokwengqondo okanye umntu osele ekhulile banyanzelekile ukuba baxele izenzo ezinjalo kunontlontle okanye emapoliseni. Ukusilela ukwenza oko kuzakuba lityala lolwaphulo-mthetho.

Oku kubeka ngokusemthethweni umgaqo wokuba ubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana luxanduva lawo wonke umntu.

Ukubekwa kwale mithetho mitsha linyathelo elibonisa ukuba sithatha amanyathelo okulwa nobu bundlobongela. Kodwa ke ayisisombululo, eyonanto kufuneka yenzekile kwasekuqaleni kukuthintela ubundlobongela kunye nokuxhatshazwa ukuba kungenzeki.

Ngokusebenzisana njengoluntu, kufuneka sisebenzise ilizwi lethu, i-arhente yethu kunye nesibindi esinaso ukuphelisa ngonaphakade ubundlobongela obenziwa ngamadoda ngakubafazi nabantwana. **U**